Isalathiso: 20170116-7297
12/2/8/13/1
Imibuzo: L Ngondo
P Smit

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0003/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*GET*, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziziiprayimari zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Kucelwa izikolo zibhalisele uKhuphiswano lokuBhala ngoBuchule kusetyenziswa iiLwimi eziNinzi (*Multilingual Creative Writing Competition*) kwiBakala 6 ngo-2017

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lisebenzisana ne-*Pan South African Language Board* (*PanSALB*), i-*Centre for the Book,* iYunithi yezeeLwimi yeSebe leMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo (*Language Unit of the Department of Cultural Affairs and Sport*), iiLayibrari zeSixeko seKapa nezePhondo, i-*Afrikaanse Taalraad*, i-*Publishers' Association of South Africa* (*PASA*) kunye ne-*EDULIS* liya kube libambe uKhuphiswano lokuBhala ngoBuchule kusetyenziswa iiLwimi eZininzi (*Multilingual Creative Writing Competition*) kwiBakala 6 kunyaka ka-2017.

2. Injongo yolu khuphiswano kukomeleza ukuBhala ngoBuchule (*Creative Writing*) kubafundi abaselula nokukhuthaza uthando nomdla wokwabelana ngamava ngokusebenzisa inkqubo yokubhala.

3. Nanjengoko ukuBhala ngoBuchule kuyinxalenye yokufundwayo kwiNkczelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS), ootitshala mabaqaphele ukuba amanqaku afunyenweyo asuka kukhuphiswano anokusetyenziselwa i-*Formal Assessment Task (FAT)* yeKota 1ekwaluhlolo lwasesikolweni kuBhalo ngokuBuchule.

4. I-*WCED* iyathemba ukuba lo mngeni uya kuzikhuthaza iititshala zolwimi zebanga lesi-6 Ukuba zikhuthaze abanfundi ukuze bathathe inxaxheba kule nkqubo.

5. Ukhuphiswano luya kuqhutywa ngoLwimi lweeNkobe lwabafundi.

6. Iziqwengana ezibhalwayo ezigqityiweyo ziya kupapashwa kwincwadi yamabali abhalwe ngeelwimi ezininzi esihloko sithi **"Ngosiba loMfundi"**.

7. Oomasifundisane baya kulungiselelwa ootitshala ngabaCebisi beziFundo kwizithili ngenjongo yokuxhasa izikolo ekulungiseleleni nokungenela olu khuphiswano.

8. **Inkqubo yokhuphiswano**

8.1 Kukho ilungelo lokukhetha phakathi kwezihloko ezibalisayo nezichazayo eziqhotyoshelwe **njengeSihlomelo A.**

8.2 Kulindelekile ukuba abafundi babhale idrafti kunye neziqwengana ezigqityiweyo/ amabali bawangenise ekwincwadi yokubhala eyi-A5 njengoko kuchaziwe **kwiSihlomelo B** phambi kokuphela kukaMatshi 2017.

8.3 Ootitshala mabakhethe ezona ziqwengana/mabali atshatsheleyo (o.k.t. **libe linye kuphela**) abaza kulifaka kwinqanaba lesithili.

8.4 Izikolo mazingenise idrafti kunye neso sitshatsheleyo isiqwenga/ibali zikwincwadi yokubhala eyi-A5 kuBaququzeleli be-GET abakule theyibhile ingezantsi.**ngomhla we-26 Apreli 2017.**

8.5 Izikolo zithumela isiqwengana somsebenzi obhalwa ngobuchule okhethiweyo walowo utshatsheleyo kuloo misebenzi (o.k.t. **lbe linye kuphela**) kulwimi ngalunye kuMququzeleli we*GET*. Kucelwa uqwalasele uluhlu lwaBaququzeleli be-*GET* abakule theyibhile ingezantsi.

8.6 Ikomiti yokukhetha yesithili iya kwenza uluhlu olufutshane lweziqwengana ezibhalwa ngobuchule ezizezona zigqwesileyo ize izithumele kwiKomiti ejongene nezokuBhala ngoBuchule yePhondo (*Provincial Creative Writing Committee*) eya kukhetha amabali **alishumi** agqwesileyo, o.k.t. ma-3 kwiqela lolwimi ngalunye kuqukwa eli-1 leSisuthu.

8.7 Zonke izikolo ezithatha inxaxheba ziya kufumana ikopi yencwadi yamabali abhalwe ngeelwimi ezininzi.

8.8 Abafundi beziqwengana zokubhalwayo eziphumeleleyo baya kubuyekezwa ngezipho kumsitho wePhondo oya kubanjwa ngoSeptemba 2017.

9. Kucelwa ukuba ufumane ishedyuli eqhotyoshelweyo apha yemihla yokhuphiswano **njengeSihlomelo C.**

10. Kucelwa iinqununu zibhalise izikolo zazo kwangexesha njengoko oku kuya kunika isikhokelo sokunceda kumalungiselelo okhuphiswano.

11. Ifom yokubhalisa (**isiHlomelo D**) mayingeniswe **ngoLwesibini nge- 03 Matshi 2017 ungadlulanga** kuMququzeleli we-*GET* ochaphazelekayo odweliswe kule theyibhile ingezantsi:

Isithili	Umququzeleli	Ifoni	I-imeyili	Ifeksi
Metro Central	Avrille Morgendal	021 514 6770	Anna.Morgendal@westerncape.gov.za	086 236 1892
Metro North	Malefo Makena	021 938 3104	Malefo.Makena@westerncape.gov.za	021 938 3183
Metro East	Benjamin Crombie	021 900 7051	Benjamin.Crombi@westerncape.gov.za	086 664 2631
West Coast	Ursula Esau	021 860 1569	Ursula.Esau@westerncape.gov.za	086 562 3907
Cape Winelands	Edgar Johannes	023 348 0605	Edgar.Johannes@westerncape.gov.za	086 555 0261
Eden & Central Karoo	Marietjie Beukes	044 803 8316	Marietjie.Beukes@westerncape.gov.za.	086 673 8499
Metro South	Lorraine Bailey	021 370 2041	Lorraine.Bailey@westerncape.gov.za	021 372 1856
Overberg	James Daniels	028 214 7363	James.Daniels@westerncape.gov.za	028 214 47400

12. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
NGUSEKELA MLAWULI-JIKELELE: WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-02-14